



Start a reading club!

Since the beginning of 2012, 348 reading clubs around the country have signed up as part of the Nalibali network. Some of these clubs have been running for years, while others are newer; some have more than 30 members while others have just 5 or 6 members – but what they all have in common, is that they are inspiring children to grow into life-long readers!

Have you thought about starting a club? Here are some steps to help you on your way.

1. Decide who will run the club. Will you do it on your own or will you be able to get volunteers to help you? Other adults and/or teenagers who love stories, books and reading make good volunteers.
2. Decide how many children you can accommodate – usually five children per adult works well. The fewer children you have in your club, the more attention you can give each of them. It's a good idea to start small and then to grow your club over time, if you want to!
3. Find a venue. A reading club can happen anywhere that is quiet and safe – at school, after-care, a library or a community hall. But reading can also happen under a tree, lying on the grass, or anywhere else that feels right. Start a club in someone's house or garage, at Sunday School, or at your mosque or temple. Just choose a place that is easiest for you and easiest for the children to get to.
4. Decide when to meet. A reading club can meet any time of the day that is convenient. You can get together for half an hour, or two hours. It's up to you! Most reading clubs take place once a week. You could meet more often, but it shouldn't be less!
5. Find reading material that will keep your club members interested – picture books, novels, information books, poetry, rhymes and songs, newspapers and magazines ... and, of course, your Nalibali supplement!
6. Think about other things you might need. For example, it is always good to have something for the children to eat and drink. Cushions and carpets are more comfortable than desks and chairs.
7. Register your club as part of the Nalibali network. Go to www.nalibali.org or www.nalibali.mobi and click on "Register your reading club".

For more information on running a reading club, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Qala iklabhu yokufunda!

Ukususela kowama-2012, ziiklabhu ezingama-348 kulo lonke eli ezithe zajoyina isixokelelwano seNalibali. Ezinye zezi klabhu sele kuyiminyaka ziqhuba, lo gama ezinye zazo zisentsha; ezinye zazo zinamalungu angaphezu kwama-30 lo gama ezinye zinamalungu nje ama-5 okanye ama-6 – kodwa inye kuphela into ezifanayo ngayo, kukuba zivuselela abantwana ukuba bakhule bengabafundi ubomi babo bonke!

Ingaba ukhe ucinge ngokuqala iklabhu? Nanga amanqanaba onokuwalandela kwelo linge lakho.

1. Thatha isigqibo sokuba ngubani na oza kuqhuba le klabhu. Ingaba uza kuyiqhuba uwedwa okanye uza kufumana amavolontiya aza kukuncedisa? Abanye abantu abadala kunye/okanye abantwana abafikisayo nabathanda amabali, iincwadi nokufunda bakulungele ukuba ngamavolontiya.
2. Thatha isigqibo sokuba bangaphi na abantwana onokubamkela – abantwana abahlanu kumntu omdala ngamnye badla ngokuba ngumyinge olungileyo. Okona bebambalwa abantwana kwiklabhu yakho kokukona uza kukwazi ukunika ingqwalasela kubo bengabanye. Yingcinga elungileyo ukuqala kancinane uze uyikhulise iklabhu yakho ngokuhamba kwexesha, xa ufuna!
3. Funa indawo. Iklabhu yokufunda ingaqhubeka nakweyiphi na indawo ethe cwaka nekhuselekileyo – esikolweni, kwindawo yokugcina abantwana ukuphuma kwesikolo, kwithala leencwadi okanye kwiholo yoluntu. Kodwa ukufunda kungenziwa naphantsi komthi, kungqengqwe engceni, okanye nakweyiphi na indawo ekhangeleka ilungele oko. Qalisa iklabhu yokufunda endlwini okanye kwigaraji yomntu omaziyo, kwiSikolo seCawa, okanye kwimoski yakho okanye etempileni. Khetha nje indawo ekulula ukufikelela kuyo kuwe nasebantwaneni.
4. Thathani isigqibo sokuba nihlangana nini na. Iklabhu yokufunda ingahlangana nanini na ngexesha elinilungele nonke. Ningahlangana isiqingatha seyure, okanye iiyure ezimbini. Kukuni! Iiklabhu zokufunda ezininzi zihlangana kanye ngeveki. Ningahlangana rhoqo, kodwa akufuneki kube ngamaxesha ambalwa kakhulu!
5. Funa izinto zokufunda eziza kugcina amalungu eklabhu yakho enomdla – iincwadi zemifanekiso, iinoveli, iincwadi ezinika ulwazi ngezinto yinto, imibongo, izicengcelezo neengoma, amaphephandaba kunye nemagazini ... kunye, ngaphandle kwamathandabuzo, nohlelo lwakho lweNalibali!
6. Cinga ngezinye izinto onokuzidinga. Umzekelo, kusoloko kulungile ukuba nento yokutya neselwayo yabantwana. Kuhlaleka kamnandi emiqamelweni kunye nasezikhaphethi kunasezidesikeni nasezitulweni.
7. Bhalisa iklabhu yakho njengenxalenye yesixokelelwano seNalibali. Yiya ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ze ucofe indawo ethi, "Register your reading club".

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokuqhuba iklabhu yokufunda, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your imagination

Read to me. Book by book.
Ndifundele. Incwadi nencwadi.





Drive your imagination



Hi! I was fascinated by one of your articles that reminded me of when I was still a child. My father was very good at telling stories. During winter we would sit around the coal stove and listen to his stories which were about cannibals, big snakes of the waters, witchcraft, etc. Most of these stories were fiction, but I now realise that they can contribute immensely to the development and sharpening of a child's listening, memory, and analytical skills. Unfortunately parents of today do not dedicate time to telling these stories and rely mostly on TV. Perhaps we should consider dedicating a month or a week to telling stories. Surely every parent has a story to tell?

Dan Rabele

Molweni! Nditsalwe lelinye lamanqaku enu elindikhumbuze ubumntwana bam. Utata wam wayewabalisa kamnandi kakhulu amabali. Ngexesha lasebusika sasihlala, sothe isitovu samalahle, simamele amabali awayewabalisa angezigebenga, angeenyoka ezinkulu zamanzi, angobugqwirha, njalo njalo. Uninzi lwala mabali yayizintsoni namampunge, kodwa ndiyaqonda ngoku ukuba anegalelo elikhulu ekuphuhliseni nasekuloleni ukumamela komntwana, ukukhumbula kwakhe kunye nezakhono zakhe zokuhlalutya. Ngelishwa abazali banamhlanje abaziniki ixesha lokubalisela abantwana babo amabali, kule mihla baxhomekeke kakhulu kumabonwakude. Mhlawumbi kufuneka sicinge ngokuba nenyanga okanye iveki yokubalisa amabali. Ngokuqinisekileyo wonke umzali unebali anokulibalisa.

NguDan Rabele



We love the Nal'ibali supplements you send us. We compile them ... volunteers help us. Sixty caregivers come every Wednesday and the first few to arrive are given the supplements to take home to their own families. The actual newspapers are snapped up by our borrowers as well, so nothing is wasted. Thank you for your ongoing kindness.

Roni Snitcher, Sea Point Library

Siyazithanda iintlelo zeNal'ibali enisithumelela zona. Siyaziqokelela senze imiqu, siyigcine ... amavolontiya ayasincedisisa. Iimpelesi ezingama-60 ziza rhoqo ngoLwesithathu baze abo bafike kuqala bambalwa banikwe uhlelo ukuba bagoduke nalo baye nalo kwiintsapho zabo. Iphephandaba lona lithathwa kwangoko ngabantu bethu ababolekayo ukuze kungabikho nto ingasebenzanga neyinkcitho. Siyabulela kakhulu ngobubele benu obuhlala buhleli.

NguRoni Snitcher, eSea Point Library



Dear Nal'ibali...

Nal'ibali endimthandayo...

Write to Nal'ibali at
**PRAESA, Suite 17-201, Building 17,
Waverley Business Park, Wycroft
Road, Mowbray, 7700, or at
letters@nalibali.org.**

**Bhalela uNal'ibali kwidilesi
ethi: PRAESA, Suite 17-201,
Building 17, Waverley Business Park,
Wycroft Road, Mowbray, 7700, okanye
ku-letters@nalibali.org.**



Hi guys! I am a 13-year-old child, but I love your stories even though I am a teenager. Keep up the good work.
windcat19@mxit.im

Molweni zihlobo! Ndingumntwana oneminyaka eli-13, kwaye ndiyawathanda amabali enu nangona ndingumntwana osele efikisa. Hlalani nisenza loo msebenzi mhle.

Nguwindcat19@mxit.im

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.






UTHobeka akazange amphendule. UBen wedlula ngebhayisekile yakhe, ehleka. Ngokwesiqhelo uThobeka ebeldla ngokungamhoyi uBen xa emqhula. Kodwa ngale mini walila. Ngobo busuku, wathi uPhumeza xa alungiselela ukulala, waphulula inkqayi kaBhere. “Usizana olunguBhere, inwele zakho azisayi kuze ziphinde zikhule kwakhona,” utshilo.

UTHobeka waziva ekhathazake kakhulu. Wasiphindisela isikere sikaMakhulu kwikhathathi yasekhitshini. Waze wabaleka waya ezantsi kwegadi, wafika waziqhusheka kwindlwana encinane yeenkukhu. Wazimela apho yonke loo mini, ekhathazake kakhulu kangangokuba wayengenamla wakuphuma apho. Uthuti kaPhumeza wayekhwele ibhayisekile edlula apho. “Whe-Thobekal Uphi?” Wayehamba ekhwaza esitsho uBen. “Ndivile ukuba ucheba inwele zabantu namhlanje. Ungeza kundicheba nam?”


UTHobeka felt horrible. She put Gogo’s scissors back in the kitchen cupboard. Then she ran to the bottom of the garden and crept into the little henhouse. There she hid for the rest of the day, too upset to come out. Phumeza’s brother rode past on his bicycle. “Hey, Thobekal! Where are you?” Ben yelled. “I hear you’re cutting hair today. Will you cut my hair too?” Thobeka didn’t answer. Ben rode away, laughing. Usually Thobeka ignored Ben when he teased her. Today she cried. That night, as Phumeza got ready for bed, she patted Bear’s bald head. “Poor Bear, your hair will never grow again,” she said.



HEARTLINES

For copies of *Heartlines' Stories that Talk* (in all 11 languages), and *Stories that Talk 2* (English only) please email orders@heartlines.org.za or phone (011) 771 2540.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Inal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Bear's haircut:

A story about forgiveness



Ukuchetywa kukaBhere:

Ibali elimalunga nokuxolelana

Nola Turkington
Joseph Mugisha





Wemka wahanba
enomindo ngokoyikekayo.
AWUSENGUYE umhlobo
kuze ndikuxolele.
wakhwaza esithi, “Andisayi
ngomlenze omnye
uThobeka, uPhumeza wamxhwila uBhere wambamba
Phambi kokuba abe angathetha nelizwi elinye eli
imbi kangaka!”
zikaBhere! Khawujonge nje le nto uyenzileyo! Yhini le
“Wenza ntoni? OWU HAYINI BO! Uchebe jinwele
ngalo mbono.
kulanda uBhere. Wanga uza kumelwa yintliziyo akuthi nla
Kanye ngelo thuba, wathi gqi uPhumeza ebaleka eze

And off she went in a terrible temper.
NOT my best friend anymore!”
Before Thobeka could say a word, Phumeza grabbed Bear
by one leg and shouted, “I’ll never forgive you. You’re
Look what you’ve done! What a mess!”
“What are you doing? OH NO! You’ve cut Bear’s hair!”
skidded to a stop.
Just then Phumeza came running back to fetch Bear. She



Phumeza thought about
the prayer her family
often said about
asking God to
forgive them.
She felt ashamed.
It wasn’t a good
feeling.
Phumeza thought about
Mama gave her two pieces of
cake, one for herself and one
for Thobeka. In front of her
best friend, she’d eaten both
pieces. Thobeka forgave her
and didn’t tell Mama how
greedy she’d been.
Phumeza thought about
nasty things.”
at Thobeka. I could see she was upset already. I said such
buried her face in her pillow. “I shouldn’t have shouted
remembered Thobeka’s face. She tossed and turned and
but even more, her heart felt heavy and sore when she
Phumeza couldn’t sleep. She was sad about Bear’s hair,
Mama gave her two pieces of
cake, one for herself and one
for Thobeka. In front of her
best friend, she’d eaten both
pieces. Thobeka forgave her
and didn’t tell Mama how
greedy she’d been.
Phumeza thought about
the prayer her family
often said about
asking God to
forgive them.
She felt ashamed.
It wasn’t a good
feeling.



BOLD AND BEAUTIFUL HAIR SALON

On Phumeza’s sixth birthday, Mama gave her a toy bear. Bear had bright eyes, golden brown hair, a small black nose and a smiley mouth. On the front of his red vest in big letters was written: I LOVE YOU. PLEASE LOVE ME.

Everywhere Phumeza went, Bear went with her. She loved Bear almost as much as she loved Thobeka. Thobeka was her five-year-old next-door neighbour, and her best friend.

One afternoon, Mama had an appointment at the salon. Phumeza and Thobeka watched through the salon window as the hairdresser cut Mama’s hair. Thobeka was especially interested. She watched carefully how the hairdresser snipped off the hair with razor-sharp scissors. It looked so easy, and so much fun.

Later, Phumeza, Thobeka and Bear played in the yard. After a while Thobeka ran inside. She came back carefully carrying her grandmother’s scissors. “Can I cut your hair?” she asked Phumeza.

“Not today,” replied Phumeza. “I want to go home now.”

“Umnqwazi wewulu obomvu,
endandiwolukelwe nguMakhulu kubusika
obudlulileyo. Uza kuyigquma intloko kaBhere,
futhi uza kuhambelana nevesti yakhe ebomvu.”

Kwaba njalo ke ngokwenene, yogqumeka
intloko kaBhere.



UPhumeza akazange akwazi ukulala. Wayenentliziyo ebuhlungu ngenxa yeenwele zikaBhere, kwaye ngaphhezulu, intliziyo yakhe yayisuka ibe ihlwihi ngakumbi xa ekhumbula inkangeleko yobuso bukaThobeka. Wayemana ukugququka eJonga ngapha nangapha kumandalo wakhe, de ekugqibeleni wabugquma ubuso bakhe ngomqamelo. “Bendinganlanga ukuba ndimngxolise ngoluya hlobo uThobeka. Bendibona ukuba naye sele ekhathazekile kakhulu ngokuya. Ndithe izinto ezimbi kakhulu kuye.”

UPhumeza wacinga mhla uMama wamnika amaqhekeza amabini ekeyiki, elinye ilakhe elinye ilikaThobeka. Phambi komhlobo wakhe lowo, wasuka wawatyayeda omabini loo maqhekeza ekeyiki. UThobeka wamxolela yena, waza waqamba ekubeni angamxeleli uMama ngomona kaPhumeza. UPhumeza wacinga ngomthandazo osoloko usenziwa rhoqo ekhanyeni lakhe omalunga nokucela uxolelo kuThixo.

UPhumeza waziva eneentloni. Wayengaziva mmandi konke ngento eyenzekileyo.

Phumeza hugged her best friend through the burglar bars.

“I’ve forgiven you already, and I’m very sorry I shouted at you and said mean things.”

The girls talked until Thobeka couldn’t hold onto the bars any longer.

“Before I go,” said Thobeka, “I’ve brought Bear a present.”

“What is it?”

“A red woollen cap, the one Gogo knitted me for winter. It’ll cover Bear’s head, and match his red vest.”

And it did.

UPhumeza wamanga umhlobo wakhe wenene, ethubelezisa iingalo zakhe kwiimbobo zeentsimbi zokhuseleko.

“Ndikuxolele kudala, kwaye ndiyaxolisa kakhulu ngokukungxolisa, nokukuthetha izinto ezimbi kuwe.”

Ancokola ke apho amantombazana, wade uThobeka wadinwa akabisakwazi ukubambelela kwiintsimbi zokhuseleko ezikwifestile.

“Phambi kokuba ndihambe,” watsho uThobeka, “ndimphathele isipho uBhere.”

“Sisipho sini?”

UThobeka wamthatha uBhere wamsingatha. Centu, centu, centu, sadla isikere. Isihlwathi esikhulu seenwele ezibala limdaka bugolide sathi sa-a emgangathweni.

Wabuya umva ngeifuna ukubuka le nto. Owu, owu! Nalo itshanda elikhulu kumphhezulu wentloko kaBhere. Kwangoko uThobeka waziva ekhathazekile. “Yambi ke le nto,” uvakele ecinga njalo. “Imbi kakhulu. Ingaba bethu uPhumeza uza kucinga ntoni?”



Thobeka sat Bear on her lap. *Snip, snip, snip*, went the scissors. A large clump of golden brown hair floated to the ground.

She leant back to look. Oh, oh! There was a big bald patch on the top of Bear’s head. Now Thobeka was worried. “That looks bad,” she thought. “Very bad. What will Phumeza think?”

Ngomhla wokuzalwa kukaPhumeza xa wayegqiba iminyaka emithandathu, uMama wampha unopopi webhere. UBhere wayenamehlo akhazimlayo, iinwele ezibala limdaka bugolide, impumlo encinci emnyama nomlomo ononcumo. Ngaphambili kwivesti yakhe ebomvu kwakubhalwe ngamagama amakhulu abomvu oku: **NDIYAKUTHANDA. NCEDA UNDITHANDE.**

Naphi na apho aya khona uPhumeza, wayehamba naye uBhere. UPhumeza wayemthanda uBhere phantse ngokufanayo nendlela awayethanda ngayo uThobeka. UThobeka wayengummelwane wakhe oneminyaka emihlanu, kwaye wayengoyena mhlobo wakhe usenyongweni.

Ngenye imvakwemini, uMama wayenze idinga nendawo awayeza kuya kulungisa kuyo iinwele. UPhumeza noThobeka bakroba ngefestyle ngethuba umlungisi-zinwele echeba iinwele zikaMama. UThobeka wayengoyena unomdla kakhulu yile nto bayibukeleyo. Wayebukele ngobunono ngethuba umlungisi-zinwele echeba iinwele ngesikere esibukhali okwencakuba ephephece. Yonke le nto yayibonakala ilula kakhulu, kwaye inomdla.

Emva koko, uPhumeza noThobeka noBhere badlala eyadini. Kuthe emva kwethuba uThobeka wabaleka wangena endlwini. Wabe wabuya, ephethe ngobunono isikere sikamakhulu wakhe. “Ndingazicheba iinwele zakho?” wabuza kuPhumeza.

“Hayi namhlanje,” waphendula watsho uPhumeza. “Ndifuna ukugoduka ngoku.”



Outside, Lotto the dog started barking.
 Waving Gogo's scissors, Thobeka walked down the
 back steps towards him. Lotto took one look at the
 scissors and ran off down the road with his tail between
 his legs.
 Only Bear was left, propped against the garden fence.
 Ngaphandle, kwagalisa ukukhonkotha
 kwenja enguLotto.
 Ehamba ejiwuzisa isikere sikaMakhulu njalo, uThobeka
 wehla ngamangwanqwa angasemva esiya kuye. U-Lotto
 wathi ukuba athi nla-a kanye nje ngeso sikere, wathi
 ngq-e ukubaleka esihla ngendlela, umсила wakhe
 ewutake phakathi kwemilenze Juloyiko.
 NguBhere kuphela owayeshiyeke apho, ebambeke
 elucingweni lwegadi.



“Then I’ll cut my granny’s,”
 said Thobeka, and she ran off
 to find her Gogo.

So, Phumeza climbed over
 the fence and went home ...
 without noticing that she had
 left Bear sitting by the fence.

When Thobeka went into the
 house, Gogo was on her cell
 phone, so Thobeka left her alone.

Thobeka’s brother was asleep and she was frightened to
 wake him.

“Whose hair CAN I cut?” Thobeka wondered.


“Hayi ke ndiza kuya kucheba ezikamakhulu wam,” watsho
 uThobeka, sele ebaleka ukuya kukhangela uMakhulu
 wakhe.

Wabe ke noPhumeza sele etsiba ucingo egoduka ...
 engakhange aqaphele ukuba uBhere umshiye ngasemva
 echophe elucingweni.

Wathi akufika endlwini uThobeka, wabe uMakhulu
 exakekile, ethetha kwiselifowuni yakhe, waza uThobeka
 akafuna ukumphazamisa uMakhulu. Ubhuti kaThobeka
 yena wayelele, waza ke woyika ukumvusa.

“Ingaba NDINGACHEBA iinwele zikabani bethu?”
 ibhadule yenza njalo ingqondo kaThobeka.

At that moment – *tap, tap* –
 someone knocked softly on
 the window. Phumeza sat up.
 She was scared.
 In a small voice Phumeza
 whispered, “Who’s there?”
 “It’s me – Thobeka.”
 Phumeza jumped out of bed.
 She ran to open the window.
 Thobeka was standing on her
 tippy-toes holding on to the
 burglar bars. “I’m so sorry
 I cut Bear’s hair. It wasn’t
 thinking properly. Please,
 please forgive me.”



Kanye ngelo thuba – *nkqo, nkqo* – mntu
 uthile wayenkqonkqoza kancinane
 efestileni. UPhumeza wavuka wee qwa.
 Wayesoyika kakhulu.

Ngelizwana elincinci waphendula esebeza
 esithi, “Ngubani lowo?”

“Ndim – uThobeka.”

UPhumeza watsiba ukuphuma oku
 ebhedini. Wabaleka waya kuvula ifestile.


UThobeka wayengcotshile ekrobe
 efestileni, ebambelele kwiintsimbi
 zokhuseleko ezakhelwe kwifestile leyo.
 “Ndicela uxolo ngokucheba iinwele
 zikaBhere. Andikhange ndicinge kakuhle
 ngeziphumo zezenzo zam. Nceda, nceda
 wethu undixolele.”



We love reading!

Celebrate Valentine's Day by reading or telling stories about love ... and then follow the steps below to make a mobile.


1. Use thin cardboard or paste two sheets of blank paper together.
2. Draw or trace a heart like the one on the right.
3. Cut out the heart and make two holes at the top.
4. On one side, write: I love reading. Write the sentence in as many languages as you can. (Ask people who speak other languages to help you with this.) Colour the background red.
5. On the other side, draw a picture of yourself reading in your favourite place.
6. Thread some ribbon or string through the holes to hang your mobile.



Siyakuthanda ukufunda!

Bhiyozela uSuku lukaValentina lothando ngokufunda nokubalisa amabali angothando ... uze emva koko ulandele amanyathelo angezantsi ukwenza umfanekiso ozijingelayo.

1. Sebenzisa ikhadibhodi epepece okanye udibanise amaphepha amakhulu amabini ngokuwancamathelisa.
2. Zoba okanye utreyise umfanekiso wentliziyo ofana nalo ungasekunene.
3. Yisike, uyikhuphe intliziyo uze wenze imingxuma emibini ngentla.
4. Kwelinye icala, bhala oku: Ndiyakuthanda ukufunda. Sibhale esi sivakalisi ngeelwimi ezininzi kangangoko unakho. (Cela abanye abantu abathetha ezinye iilwimi bakuncedise koku.) Faka umbala obomvu jikelele.
5. Kwelinye icala, zoba umfanekiso wakho ufunda kweyona ndawo uthanda ukufundela kuyo.
6. Faka irhibhoni okanye umtya emingxuneni uze uwuxhome umfanekiso wakho ozijingelayo.



Get story active!

After you and your children have read *Bear's haircut*, try discussing some of these things.

- Why do you think Phumeza was so cross when she saw how Thobeka had cut Bear's hair?
 - Have you ever done something which made someone else cross, even though you didn't mean to? Share the story of what happened.
 - Ask open-ended questions (questions that have no right or wrong answer and instead, can be answered in different ways). For example:
 - What does it mean to forgive someone?
 - Do you think Phumeza was right to forgive Thobeka? Why or why not?
 - Should we always forgive people who do things that make us angry or hurt us? Why or why not?



Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elithi, *Ukuchetywa kukaBhere*, zamani ukuxoxa ngezi zinto.

- Ucinga ukuba kutheni uPhumeza equmbe kangaka akubona indlela uThobeka azichebe ngayo iinwele zikaBhere?
- Ingaba wakhe wayenza into eyenza omnye umntu waqumba, nangona ubungazimiselanga kumqumbisa? Yabelana nathi ngento eyenzekayo kwelo bali lakho.
- Buza imibuzo eneempendulo eziphangaleleyo (le yimibuzo ayinampendulo inye ichanekileyo okanye engachanekanga, koko ingaphendulwa ngeendlela ezohlukileyo). Umzekelo:
 - Kuthetha ukuthini ukuxolela omnye umntu?
 - Ucinga ukuba uPhumeza wenza into elungileyo ngokuxolela uThobeka? Kutheni uvuma okanye usala?
 - Ingaba kulungile ukusoloko sibaxolela abantu abasenza izinto ezisicaphukisayo okanye ezibuhlungu? Kutheni uvuma okanye usala?

In your next Nal'ibali supplement:

- Building children's literacy by using their home language
- Enjoy some of the writing and drawings sent to us
- A cut-out-and-keep book, *The Cool Nguni*
- A new Story Corner story, *Malusi and the Bath Monster*

Need copies of this supplement in other languages or back copies of older supplements? Download them for free at: <http://nalibali.org/supplements/>.



Find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook: www.facebook.com/nalibaliSA

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukwakha iitheresi yabantwana ngokusebenzisa ulwimi lweenkobe
- Yonwabela ezinye zezinto ezibhaliweyo nezizotyweyo esithe sathunyelelwa zona
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *UNguni Omhle*
- Ibale elitsha kwiKona yamaBali, *UMalusi neGongqongqo laseBhafini*

Ingaba ufuna iikopi zolu hlelo ezibhalwe ngezinye iilwimi okanye iikopi zeentlelo zangaphambili? Zikopele simahla ku-<http://nalibali.org/supplements/>.

Chapter 1
Spots
Amachaphaza

It starts with a spot.

Lisa Greenstein
Sandy Mitchell






Ngamachaphaza amaninzi
kakhulu angenakubaleka!

Too many spots to count!

8



Amachaphaza
asixhenxe a-orenji

Seven orange spots

7



Ichaphaza elinye
eliluhlaza

One green spot

2

FOLD



Amachaphaza
amathandathu abomvu

Six red spots

9



Amachaphaza
amabini amfusa

Two purple spots

3

FOLD



Amachaphaza
amahlanu aluhlaza

Five green spots

5



Amachaphaza
amathathu amthubi

Three yellow spots

4



Amachaphaza
amane amfusa

Four purple spots



Drive your
imagination